


IINDABA ZASE ALFRED NZO

IPHEPANDABA ELISEMTHETHWENI LIKA MASIPALA IALFRED NZO



Umqulu. 9 - 2016

EZARHOQO

- Umyalezo ka Sodolophu
- Umyalezo wesigqeba ka Somlomo
- Imifanekiso



ALFRED NZO
DISTRICT MUNICIPALITY

LIVELISWE LIQOZA
LEZO NXIBILELWANO

UMYALEZO KA SODOLOPHU WESITHILI



Mandithabathe elithuba ndibulele ngokungazenzisiyo abafundi balomqulo uqulethe zonke inkqubo zalomasipala, epapashwa rhoqo ngekota yonyaka, ngenjongo zokugcina uluntu, amahlakani kamasipala, namanye amaqumrhu abambesene nalomasipala bexhobisekile nangaliphi na inyathelo likamasipala

Lo ngunyaka esiwuqale kabuhlungu ngokuphulukana nemiphefumlo yabantu bethu esibathandayo abathathu emva kokuba isithili esi sithwaxwe ziindudumo izihlandlo ezininzi, le moyezulu ibengekho ntle ishiye amakhaya ababalelwa angaphezulu kwekhulu namashumi amahlanu etshabalele, amakhulu-khulu abantu engenamakhaya logama amakhulu asixhenxe amakhaya echaphazeleke ngokweqileyo yilentlekela

Sidlulisa amazwi ovelwano kwezontsapho ziphulukene namalungu azo asentliziyyweni kubo. Singumasipala, kwakhona masithabathe elithuba sibulele abo basikwe yimfesana babonisa Ubuntu, bavulela abo bebengamakhoba ingcango babamkela kumakhaya abo, kwakhona

singumasipala sibamba ngazibini kwiqumrhu lasekuhlahlaleni I Al-Imdaad Foundation namanye amaqumrhu aye axhabatsha ngokukhawuleza, abonisa inkathalo nokuzinikela xa besinkqonkqoza sicela uncedo.

Njengosodolophu womasipala wesithili, mandithathe elithuba ngokusesikweni ndazise lonke uluntu oluphantsi kwalomasipala ukuba, singulumasipala sithwaxwe ngokwegqithisileyo yimbalela, nto leyo inyanzelise ukuba uRhulumente ka zwelonke, kunye nowe Phondo leMpumakoloni basebinzisane mihla le negqiza lethu elijongene nentlekela, namanye amaqumrhu ukwenza utyelelo kwimithombo yethu yamanzine Projekti zolimo kwisithili jikelele. Utyelelo lwegqiza lika zwelonke nephondo lulandela kanye kutyelelo obelubanjwe libhunga likamasipala ekupheleni konyaka ogqithileyo.

Ibhunga lingenelele emva kohlo olunzulu oluqhutywe licandelo elijongene nophuhliso lwezakhiwo kumasipala wesithili iAlfred Nzo, igqiza lezentlekela

kunye nesebe lophuhliso lwamaphandle nohlengahlengiso lwemihlaba. Imbalela ibenegalelo elimandla kwimizamo yethu yokuhambisa amanzi kwingingqi ezininzi zalomasipala, iidolophu nezixeko.

Kwakhona mandidlulise isingxengxezo kuxinzelelo eniphantsi kwalo lokunqongophala kwamanzi, silincome negalelo labantu ngokusebenzisana nathi singurhulumente ukufumana izisombululo kulomngeni wokunqongophala kwamanzi, kwagqibezeleka ngokungenelela kwembalela esithilini.

Emva kwesisithwalumbe sityale izigadla kwingingqi ezichaphazeleke ngamandla yimbalela, sonyusela inani lamatanki kwindawo ezahlukeneyo kwesisithili Simemelela amakhosi noluntu ukuba babeliliso baqinisekise ngokhuseleko lwalamatanki. Singumasipala sisungule amaqumrhu adibanisa amagosa kamasipala, amahlakani ukusungula eyona ndlela yokukhawulelayo nembalela, kwanezinye iinkalo ezincedisana nathi ukonga amanzi kwelixesha lobunzima.

Siyathembisa ukuba siyakuthi gqolo ukuxhobisa uluntu kwinkqubo yethu esiyibamba rhoqo kwizikhululo zasekuhlaleni ebizwa ngo Phuhla Alfred Nzo ngemimvulo phakathi kwentsimbi yesihlanu ukuya kweyesixhenxe, kwi Inkonjane Community Radio ne Alfred Nzo Community Radio. Singakuvuyela ukuqakamshelana nani kwezindombolo zijongene nezidingozoluntu, 086 000 3781.

Okokugqibela, sizobamba inkqubo ezijolise ekuphulaphuleni izidingo zabantu, sikwanxibelelana nabo ukuba umqela esele siwuhambile ungakanani ukulwa nembalela, kwanokwethula umthwalo kwiintsapho ezichaphazeleke ziindudumo.

Enkosi kakhulu ngokuzidina nifunxe lonke ulwazi kulomqulo wencwadi oqulethe zonke iinkqubo zikamasipala, zikwajonge negalelo lenu kwizicwangciso zethu ezijongene nophuhliso.

CLLR.E.N. DIKO
USODOLOPHU

UMYALEZO KASOMLOMO WEBHUNGA



Ukuqinisekisa ukuba iinkqubozethu kwanamaqumrhu ethu ayabambisana, siqale ngokutyelela izikolo zolwaluko kwelihlobo sicaphula kwinkqubo zohlunyeleliso zimilo.

Okukusesisigqalo, kwaye siyaqinisekisa ukuba sizakuthi gqolo ukunika ingqwalasela kwingxaki ezombethe elisiko kwidolophu nganye kwabamasipala ngokubambisana namaqumrhu ajongene nelisiko kunye namaziko namakomkhulu. Yiminqweno yethu ukubona iinkosi zizibophelele kwelisiko ngokulinikwa ingqwalasela njengabazali abajongene nalo naliphi na isiko.

Kwinyanga kaNovember kunyaka ophelileyo I ofisi kasabhokhwe ibambe inkqubo ebijolise ekuxhobiseni ngolwazi ooceba bebhunga lomasipala ngokugunyaziswa ngumthetho webhunga. Le nkqubo ibikwaxile ekwakheni qilima intsebenziswano ngaphakathi ebhungeni ngokwehlukana kwamaqela ezopolitiko, nakwisikhokhelo salomasipala. Sineqhayiya ngentetho eyenziwe liqumrhu leSALGA elijongene norhulumento lwasemakhaya, ngokwenene yinyaniso emsulwa ukuba izakhono ezijongene nowisomthetho ziyaphuhliswa kwamasipala.

Sizinikele ngokwenene kuphuhliso lwengalo yomthetho kwibhungu lalomasipala, ngenjongo zokuqinisekisa ukuba kulandelwa yonke imigaqo nkqubo ngokuchopha kwebhunga. Ikomiti ejongene nentlawulo kulomasipala ichitheintsuku ezintathu kutyelelo lweeProjekti eziphantsi komasipala wesithili, ukujonga inkqubela phambilekweziprojekti.

Asikwazi ukuthi cwaka singamemeleli uluntu ukuba lubhalisele ulonyulo lorhulumento lwasemakhaya ekujoliswe kulo, ukuze bakwazi ukuxhamla kumalungelo abo kulo Rhulumente wentando yesininzi. Ubalulekile mmi wase Alfred Nzo elithuba lokunxibelelana nathi lingakuphosi.

CLLR. S SELLO
USOMLOMO WEBHUNGA

Nabani na uyakunqwenela ukudlulise umyalezo webhunga kulomqolo wencwadi equlethe lonke ulwazi neenkqubo zikamasapala wesithili.

Sithatha lenxaxheba njengeqonga lokugqithisa ulwazi ngokulandela umthetho karhulumente wasemakhaya ocatshulwa ku Section 16, iMunicipal Systems Act, ogunyazisa igalelo nothatho nxaxheba lwabantu kwinkqubo zoomasipala. Ngeliphandle ndingatsho ndingenadyudyu ukuba iintlanganiso zebhunga zichapha rhoqo nangaphezulu komyalelo. Ibhunga lilo elijongene nokuthatha izigqibo ngokujonga ezingongoma zilandelayo:

Igunya lokujongana nentlawulo nerhafu. Ukuthatha isigqibo ngongenelelo olumandla kwisivumelwano seenkonzo zophuhliso.

Ukuxhasa kwanokuphononongo isicwangciso sophuhliso.

Ukuphumelelisa imithetho ka masipala.

Ukuba zwilinye ngohlahlo lwabiwomali

Ukunyanzeliswa kohlawulo rhafu, nemisebenzi

Ukwenyuswa kohlahlolwabiwomali.

Ubani unokusebenzisa oluluhlu lwemigaqo yebhunga ukuthatha izigqibo ekuzizo kulomasipala. Ndiqinisekile ukuba ibhunga lenza umsebenzi oncomekayo ukwakha umkhomba ndlela kwimigaqo nkqubo yalomasipala lilandela izindululo elizenza rhoqo.

Isiqingatha sesibini sonyaka sibeyimpumelelo ngokulandela izicwangciso zonyaka ka 2015. Njengentlala isenzeka kuzo zonke iingingqi zalomasipala, abantu bethu ngokwehlukana hlukana kweenkolo zabo bayaliqhuba isiko lolwaluko.

Ngexesha lokuqhutywa kwelisiko lolwaluko, litshayeelwe yingxoxo mpikiswano lapho ahlakana namaqumrhu ethatha inxaxheba ngokujonga oyena ndonakele kwelisiko, njengoko kuthe tshitshilili iziganeko ezingancumisiyo esuthiwiwi eziquka ukusala kwemiphefumlo yamakhwenkwe nezinye iziphumo ezingonwabisiyo.

Ngokwezicwangciso zethu sizimisele ukubamba enye yenkqubo ukuzigoca-goca ngokuqhutywa kwelisiko kulomasipala wesithili.

IKOMITI EJONGENE NENKCITHO MALI KULOMASIPALA INIKA INGQWALASELA KWINKONZO ZOPHUHLISO

Isigqeba sekomiti ephose iliso elibukhali kwinkcitho mali kamasipala oMbaxa iAlfred Nzo(MPAC) ichithe iveki yonke ityelela iiprojekti zeenkonzozophuhliso ngenjongo zokujonga na nomqela kwanenkqubela phambili kuzo zonke iiprojekti eziqalwe ngulomasipala zophuhliso.

Lekomiti ebihambisana namanye amalungu aphuma komasipala basekuhlaleni kwakule komiti, babambisene namahlakani kamasipala, kuquka abo bajongene neeprojekti ekuhlaleni, abancedisi booceba ekuhlaleni (ward committees) iinkosi, kunye nabo bajongene nophuhliso ekuhlaleni kweliphulo ukuvelela zonke iinkalo ngeprojekti nganye ekulomasipala.

Usihlalo walekomiti ucebaPhikolomzi Siramza echaza uthe, injongo zolutyelelo kukusela iliso zonke iiprojekti eziqalwe ngumasipala wesithili ngenjongo zokujonga inkqubela phambili ukuzothi ga ngoku.

“Siyelekomiti sililiso kwinkqubo zonke zophuhliso ezathi zaxhaswa libhunga lomasipala Sikwenza oku ngokugunyaziswa libhunga ukuze sikwazi ukufumanisa ukuba imali zikamasipala zichithwa ngokufanelekileyo kusini na kweziprojekti, ekugqibeleni sikwajonga negalelo loluphuhliso kuluntu lomasipala,” utsho oka Siramza.

Le komiti lelinye lamagqiza athwaliswe uxanduva libhunga ukuze ajongane ncakasana neenkonzozophuhliso.

“Emva kokufumana iingxelo kwisigqeba esiphezulu, lekomiti inoxanduva lokujongana nalamaphulo okutyela eziprojekti nokuxhobisa ngenkqubo ezisisiseko kwezongxelo zesigqeba, kwanokuqinisekisa ukuba inkcitho yenziwe ngokufanelekileyo, umsebenzi uyabonakala ekugqibeleni,” uthethe ngolohlobo usomlomo webhunga lomasipala uSandile Sello.

Le komiti ibikhokhelwe ngusihlalo wayo uPhikolomzi Siramza ityelele iiprojekti ezohlukeneyo kumasipala wasekuhlaleni



Ngasentla: sisigqeba sekomiti ejongene nokuchithwa kwemali kamasipala sityelele kwidama lamanzi iFobane eMatatiele



Ngasentla: ligqiza le MPAC libhala iiprojekti ejongene nokuvelisa amaqabengwane eMfundisweni, eNtabankulu



Ngasentla: sisigqeba sekomiti ejongene nophuhliso kwanenkcitho mali (MPAC) iyokuhlola kwiprojekti yamanzi eMount Frere

iMbizana, phakathi kwazo kuquka iiprojekti yamanzi ekwindawo yaku Nomlacu, kunye neeprojekti eziyongene nokuphuhlisa uluntu lwase Mfundisweni.

Ayiphelanga apho lekomiti njengoko nakumasipala wasekuhlaleni iMatatiele ityelele iziko logunyulo iMaggie Resha, iiprojekti yamanzi ekwindawo iFobane kwakunye naleyo eMatatiele/Maluti iRamahlakoana.

Kusenjalo igqiza lesibini ebelikhokhelwe ngusekela sihlalo uCllr Joe Munyu lithe latyelele kumadama amanzi asephantsi

kolwaxhiwo kwaward 22, KwaBhaca, Nophoyi, Ntibane, Cabazana kunye no Goxe kumasipala wasekuhlaleni iMzimvubu. Ukanti kumasipala wase Ntabankulu likwazile eligqiza ukutyela iziko elihlaziwayo logunyulo lindle, kwange neprojekti yamanzi efikelele kwisigama sesibini edibanisa iNyokweni nelali yase Bomvini.

Usihlalo uqinisekisa ukuba bazodakana oko kufunyaniswe libhunga ukuze likwazi ukuthatha amanyathelo aqatha ukukhawulelana nengxaki ezite zaphakanyiswa kwiikomiti ezahlukeneyo

Urhulumente uwa evuka esebenzisana nemibutho ejonge izidingo zoluntu ekuhlaleni ukulwa nendlala egquba emaphandleni nokungondleki. Lophuma sihlasele indlala wathi waphakanyiswa ngokusesikweni kumndyadala wosuku olubizwa nge World food day, kutshanje nje ebibanjelwe kwilali yase Mbongweni eMbizana nekulusuku olwabekwelwa bucala ukuze kusekwe amaphulo kwihlabathi ajongene nendlela abantu abatya ngayo, umxholo ekwakucangcathwa kuwo kwesisikhumbuzo ngulowo uthi "Social Protection and Agriculture: Breaking the Cycle of Rural Poverty".

Kulomndyadala wokukhumbula olusuku Isebe lezolimo, Amahlathi nezolobo ngokubambisana nesebe lophuhliso lwaMaphandle nohlengahlengiso lwemihlaba, uMasipala Ombaxa iAlfred Nzo, owasekuhlaleni iMbizana kunye nequmrhu lezizwe ezimanyeneyo kwelicandelo lokutya nolimo babonakale bechithakele kulalali esemaphandleni kwidolophu yase Mbizana ukuyokhumbula nokuxhobisa uluntu ngolusuku.

Eliphulo lamkelwa ngezishushu ngabahlali kuquka phakathi kwabo abantu abafana noMangwane Mazeka ominyaka ingamashumi amae nesine ezelweyo, nongomnye wabaxhamlileyo ngolusuku, kwagxothwa ikati eziko kumakhaya abo ngokuxhamla kwiingxowa zokutya nezixhobo zokusebenza kwizitiya zabo ezinokuvelisa ukutya. "Ndiswele amazwi aliwaka, luchulumaco endinalo namhlanje, ndiyathemba ukuba ndakulala obentlombe".

Utshilo uMazeka. "Minyaka le bendingenalolo ulwazi lokuba ndinokuvelisa ukutya emhlabeni wam, ndifumane nenzuzo ngokuthengisa oko kuveliswe ngumhlaba" utsho loka Mazeka owazibona ephulukene nendlala.

Umphathiswa kwazwelonke kwisebe lezolimo, amahlathi kunye nolobo, uSenzeni Zokwana, uMphathiswa uMlibo Qoboshiyane wephondo leMpumakapa kwisebe lophuhliso lwamaphandle nohlenga-hlengiso lwemihlaba, isekele likasodolophu womasipala wesithili sase



Ngasentla: sisikhokhelo sezopolitiko sityala kwezinye zezitiya eMbongweni eMbizana

Alfred Nzo uSixolile Mehlomakhulu kunye nosodolophu womasipala wase Mbizana uMakhaya Twabu bajongene ngokumandla nolimo olusakhasayo kulammandla ngenjongo zokukhumbula olusuku.

Phakathi kothotho lweprojekti ezikulammandla eligqiza liphinde latyelela iprojekti evelisa uMbona otyalwe kumhlaba obukhulu bawo buyi 59 hectares eMbongweni, nekuyiprojekti exhaswa lisebe lophuhliso lwamaphandle ohlenga hlengiso mihlaba eMpumakoloni, ngenjongo zokuthwala uxanduva kwanokuthatha inxaxheba kuphuhliso lwasekuhlaleni, olujolise ekulweni nendlala kwanokuncedisana noluntu lufumane imivuzo ngokusebenzisa umhlaba.

"Sathi sabekela bucala inyanga le ye Dwarha njengenyanga ebizwa nge food security month, ukuze sizobophelele kumaphulo kawonke wonke ajolise ekuxhobiseni uluntu ngendlela ezahlukeneyo zokutya zikwajolise nasekulweni nendlala, ukungondleki kunye nendlala, "utshilo umphathiswa uSenzeni Zokwana ngexesha esothula intetho yakhe.

UZokwana uthi izibalo zibonisa ukonyuka kwamanani abantu abombathwe yindlala kwiphondoleMpumakapa, njengangoko befikelele kumyinge wamashumi

asixhenxe nesine ekhulwini(74%), logama bebalwa kumyinge wamashumi amane (40%) abaphila phantsi kwendlala kuMasipala wesithili iAlfred Nzo, bafikelele ku44,7% abo balala bengenathemba lanto bengaxelengi ndawo.

UZokwana uquba athi, ezona njongo zotshotsha entla kulonyaka kukunyusela izinga lokubanjwa kwamaphulo ngokugxila kwindima ejongwe kulomakhaya angathathi ntweni ekulweni nendlala, kwanokufumana ukutya okubafaneleyo kwangaxeshanye bejolise ekutshintsheni nasekuphuculeni indlela yokuphila. Ukwahambise ngelithi kulonyaka lamaphulo agxile ekukhuthazeni iintsapho ezingathathi ntweni ukuba zikhuthalele ukusebenzisa umhlaba njengesona sixhobo singundoqo sokulwa nendlala, bavelise ukutya ngokwabo. Onke amakhaya athe atyelelwa ashiye enikwe uqeqesho olwaneleyo lisebe lophuhliso lwamaphandle nohlengahlengiso mihlaba ngeyona ndlela ebalungeleyo yokutyalala imifuno ezigidini zabo. Amasebe aquka isebe elijongene nentlalo yoluntu (SOCIAL DEVELOPMENT), iArhante ejongene nokwamkelisa isibonelelo sika Rhulumente (SASSA) angenelele kwizinto ezizidingo ngokwentlalo kwezintsapho.

INDAWO YASE NKANTOLO IXHAMLE KWIZIKO ELIQULETHE IINKONZO NOLWAZI LWEZIGI-GIDI ZERANDI



Ngasentla: ngusodolphu womasipala wase Mbizana uMakhaya Twabu etyana indlebe noluntu lwaseMbizana, kwinkqubo yokuphula phula izidingo zabo.

Ihambo nzima nemigama emide ehanjwa ngabahlali bakwa ward 24 kunye no 27 besingise kwidolophu yase Mbizana ngenjongo zokuxhamla kwinkonzo zika Rhulumente ezingundoqo, izofikelela esiphelweni kungekudala, njengoko isebe lokuhlaiswa koluntu kunye nomasipala wesithili iAlfred Nzo Bezibophelele ekwakheni iziko elixhobisa ngolwazi, liphinde livulele uluntu ithuba lokuxhamla kwinkonzo ezingundoqo elixabisa izigidi-gidi zerandi kwindawo yeMbali Inkantolo eMbizana.

Emva kokufikelela esiphelweni kwesakhiwo seliziko kulindeleke ukuba kuchithwe isixa mali esibekelwe bucala esibalelwa kwi 22,7 million kusakhiwa iofisi zamasebe ohlukeneyo, ukubalula ezimbalwa isebe elijongene nentlalo yoluntu, elezaseMakhaya, iArhante ejongene nezibonelelo zika Rhulumente kwane sebe lezempilo, eliziko likwanalo nebala lemidlalo.

Uluntu lwezward zintathu alukhange luthandabuze ukuphuma ngobuninzi balo ngexesha umasipala ombaxa ethathe uxanduva lokubaxhobisa kwanokubakrobisela ngezona nkonzozingundoqo banokuxhamla kuzo ngokwakhiwa kweliziko.

Kwangolusuku amasebe aquka elijongene nemicimb yabasebenzi, ne Arhante ejongene nophuhliso (COEGA), kunye naleyo yezibonelelo zikarhulumente aziphozisanga maseko zabanakala zigabula izigcawu zihambisa iinkonzo ngelithi akuntsuku zatyalwa nixhamle bantu base Nkantolo.

Ukanti nesebe elijongene neenkqubo zabucala (SPU) kumasipala wesithili lixhobise ngolwazi uluntu ngamathuba anokuxhamlwa ngabantu abatsha.

Omnye wabahlali obonakalise chulumanco ogama lakhe lingu Ma-sinisa Mantusi, oneminyaka engamashumi amabini nesibhuzobudala, uthi uchithe ixesha elide enengcinga zokuyakufaka isicelo sikamazisi edolophini yakhe iMbizana kodwa kubentlanga zimka nomoya ngenxa yehambo nzima ajongene nayo kwimali yezothutho. “Ndichulumancile xa ekugqibeleni nam ndikwazile ukufaka esisicelo, ndibulela gokungazenzisiyo kwisebe lwezaseMakhaya ngokubonisa inkathalo nakweyam ingingqi,” utshilo ezele luvuyo.

uNombe Nyathi yena oneminyaka engamashumi amathandathu nesixhenxe

ubudala ushiyeke izibilini ziphantsi emva kokufumana ikhadi elitsha lokwa mkela isibonelelo sika rhulumente kwi Arhante ejongene noku, alichaze ngelafumana hlukana kubini. “Enkosi Rhulumente ngokusisondezela kufutshane namakhaya wethu ezinkonzo” utshilo.

Kusenjalo nosodolophu walamasipala uMakhaya Twabu ugwagwise urhulumente ngokukhathalela uluntu, ngelithi ngamaphupho karhulumente ukubona uluntu luxhamla kwinkonzo abangachithiyo xa bezidinga. Silwela lonto kanye ukuthatha urhulumento siluse ebantwini” kutsho loka Twabu.

Uphinde wabongoza uluntu ukuba lube liliso kwizakhiwo nophuhliso olusondezwe kubo ngurhulumente ngenjongo zokutshintsha impilo zabo.

Uqwele ngelithembisa ukuba emva kokufikelela ekugqibeleni komsebenzi wokwakhiwa kweziko, umasipala wesithili iAlfred Nzo, nalowo wase kuhlaleni iMbizana, amasebe karhulumente, iArhante zaseburhulumenteni kunye neenkosi ziyakuphinde zithwale uxanduva lokunikezela ngokusesikweni ngeliziko ebantwini.

UMNDYADALA WOMCULO UNEGALELO ELIMMANDLA EKUKHULISENI UQOQOSHO EMATATIELE

Ngamawaka abantu ebebezowabisa ngumdayadala womculo wolonwabo kumabala ebhola yombhoxo eMatatiele bezonwatyiswa ziimvumi eziphuma mbombo zone zelizwe mdyadala lowo sele ufikelele kwityeli lesihlanu usingathwa kulamasipala.

Lomndyadala obubanjwe ngexesha ngexesha lezolonwabo nelokuphela konyaka uthakazalelwe kakhulu ngabemi bephondo le Mpumakoloni, kwanabo bebephuma kumaphondo akufutshane aquka iKwaZulu Natal, Free State kunye ne Lesotho.

Lo mndyadala ubonise ukugqweswa okokuqala ngqa ezimbalini oko kwasingathwa imisitho ebumile kunje kulaMasipala.

Osaziwayo babegcine uluntu ngebumnandi singabalula abambalwa ekuquka kubo uNomvula hit maker, uNathi Mankayi, Ringo Madlingozi, Jaziel Brothers, Professor, no Zonke betshintshisana neqonga nemvumi zasekuhlaleni uMsa Mahlangu, Jabu no Sbu besonwabisa izihlwele ubusuku bonke.

Evula lomsitho usodolophu womasipala wasekuhlaleni u Cllr. Momelezi Mbedla uthi, kubeluchulumanco ukufumanisa ukuba ngabemi beli abangawaka amahlanu abakwazileyo ukuba yinxalenye yoku.

“UMasipala wase Matatiele ufikelele kwinqanaba lokubona iziqhamo zokusingatha lomndyadala. “kulo nyaka sikwavalise uchulumanco kukubona ogxa bethu iAlfred Nzo, Isebe lezemidlalo, ulonwabo, inkcubeko nobugcisa bebonise inkxaso emmandla.” Utsho usodolophu. “Injongo zethu eziphambile zokusingatha lomndyadala kukukhulisa uqoqosho kulomasipala, ukukhweba abakhenkethi kwangaxeshanye zijonge nokukhweba abatyali zimali kwelishesha lika xakeka nelizayo”.



Ngasentla: ngu Vusi Nova no Nathi Mankayi besonwabisa uluntu ngengoma eshukumisa uluntu uNomvula



Izihlwele Zonwabele mmndyadala womculo



Ngasentla: ngu Professor ebetha adume ngazo

Uqhuba athi bakwavulele ithuba ukuba kuxhamle nosomashishini balaMmandla kuquka aba bashishina ngamagumbi obakhenkethi, abathengisi basezitalatweni, kunye nosomashishini abasakhasayo. Uqwele ngeliqinisekisa ukuba abo bajongene nomsebenzi wezandla bafumene ukuvelisa izakhono nono Khontraki basekuhlaleni bafumene lendyweba.

Enye yemvumi eshukumise isizwe ngengoma ethi Nomvula, uNathi Mankayi, “ndonwabile kukubonisa

isakhono sam kwanokonwabisa abantu bakuthi kumgama omfutshane nekhaya lam endizalwa kulo iMaclear, nezihlwele zibonise inkxaso zibonisa inkxaso kwingoma yam nganye endiyiculayo” ndibulela kuni nonke baxhasi bomculo wam nangokuba yinxalenye yalomsitho nibenomonde wokubamba imigca emide. “

Lomndyadala ubusingathwe ngokubambisana ngomasipala ababini owasekuhlaleni Imatatiele kunye nowesithili iAlfred Nzo

BANGAPHEZULU KWAMAKHULU AMAHLANU ABAFUNDI ABAXHAMLE KWISIKOLO ESITSHA EMBIZANA



Ngasentla: sisikolo iPhandulwazi Senior Primary School

Babalelwa ngaphezulu kwamakhulu amahlanu abafundi abonwabele ukusebenzisa amagumbi amatsha okufundela njengoko isebe leMfundo likunye nomasipala wasekuhlaleni iMbizana livule ngokusesikweni isikolo samabanga aphantsi iPhandulwazi Senior Primary School, esakhiwe kwilali iMadiba eMbizana njengenxalenye yokuxhamlisa abantwana basemaphandleni kwimfundo esulungekileyo.

Esothula intetha yakhe ngosuku lokuvula usihlalo wekomiti echphela imicimbi yezemfundo endlini yowiso mthetho uFundile Gade, ukhuthaze abafundisi ntsapho ukuba bazinikele emsebenzini wabo wokufundisa baqinisekise ukuba badlala indima ebonakalayo ekutshintsheni isimo sasemaphandleni ngokujonga imfundo engundoqo nesemgangathweni.

“Ngokwakhiwa kwesisikolo esijongene ncakasana nenkcubeko uRhulumente ubonisa ukuzibophelele kwiphulo lokuphelisa zonke izikolo zodaka, “utsho uGade.

Usodolophu womasipala wase Mbizana uMakhya Twabu ubongoze abafundi ukuba baquqecele ekufundeni incwadi zabo ukuze babe ngabona bagqwesileyo



Ngasentla : ngusihlalo wekomiti Yezemfundo, unnumzana Fundile Gade, sodolophu wase Mbizana uMakhaya Twabu, uNkosi Baleni Noceba wakwa ward 25 uNkosikazi Mteki bevula ngokusesikweni iPhandulwazi SPS.

kwizifundo.

“Sifuna noke nibephakathi kwabafundi abahlonitshwa lilizwe lonke ngokuba zintshatsheli kwisifundo zabo, oko nikugcine niyofikelela kwibanga leshumi.

Singumasipala wasekuhlaleni silapha ukuzobonisa inkxaso kuni, sikwakulungele nokuxhasa nge bur-saries ukuze nikwazi ukugqibezela izifundo zenu, kodwa xa

nibuye neziphumo ezincumisayo,” uqwele ngelo oka Twabu.

Ngokunjalo nenqununu yesasikolo Nkosikazi Mdingi uthi uchulumance kwantlandlolo xa befumana isiqinisekiso nobugqina obuhlangabezana namaphupho abo okuqhubela inkqubo yokufunda nokufundisa kwizakhiwo ezisemgangathweni.

ABAFUNDI ABAHLANU ABAGQWESE KWIZIFUNDO ZABO KWISIKOLO IST GEORGES BAWONGWE NGEBURSARYYOKUGQIBEZELA IZIFUNDO ZABO



Ngasentla : ngusekela mphathiswa wezonxibelelwano ejonge abafundi base st georges bechulumancile kukusebenzisa ubuchwephetsha

“Yiba ngu Mandela wesisizukulwana, ngokusebenzisa izixhobo namathuba owanikeziweyo kwimfundo yanamhlanje.” La ngamazwi ka sekela mphathiswa wesebe lezonxibelelwano kuZwelonke uStella Ndabeni Abrahams kwiphulo lika Back To School lakutsha nje ebeliqhutyelwa eMount Frere.

Eliphulo lika Back to School injongo zalo ibikukubhiyozela kwanokukhuthaza ukugqwesa kwesikolo kwiziphumo zebanga leshumi njengangoko sifumene umyinge wama 75,4%. Esisikolo kwiminyaka edlulileyo besisaziwa ngesikolo samabanga aphantsi (Junior Secondary School).

Ngosuku walombhiyozo, usekela Mphathiswa wesebe lezonxibelelwano uStella Ndabeni-Abrahams uwonge abafundi abahlanu abathe baphumelelela emagqabini ngebursary ngenjongo zokukhuthaza ukuba bathathe izifundo zosasazo nezonxibelelwano.

Loka Ndabeni uphinde wadlulisa kwesisikolo inkxaso ephuma kwiNkampani yakwa Vodacom, exhase ngeziko eliqulethe ubuchwephetsha banamhlanje obuncedisa kwinkqubo yokufunda nokufundisa kuquka amashumi amabni anesithandathu semfono-mfono esikumgangatho ophezulu (tablets), Master laptop, pinter, I data projector kunye server.

Ukanti Iqumrhu elibizwa nge SABC Foundation lona linikezele ngomakufanwe wesikolo kubafundi abangathathi ntweni abalikhulu. Entethweni yakhe usekela mphathiswa ayothule kulomcimbi wokukhuthaza abafundi, ushiye abafundi ebakhuthaze ukuba babuye nomyinge wekhulu xa kuqhathaniswa neziphumo zonyaka ka 2015 zebanga leshumi.

Umpathiswa wesebe lezemfundo eMpumakapa uMandla Makupula ubandakanye eminye yemingeni

ekhokelela ekudodobaleni kwemfundo ephondweni, na lapho achaphazele ukungazibandakanyi kwabazali kwimfundo yabantwana babo njengoyena ndoqo woko. Ukwakhuthaze abazali ukuba bahambe phambili ekwakheni ikamva labantwana babo, ngokuqinisekisa ukuba bachonga izifundo eziyakuba lulutho kubo.

Umlawuli oyintloko wequmrhu Isabc Foundation u Irish Cupido, uthi eli liqalo lokuzama ukungenelela ekwakheni isizwe kwanokuzibophelela kwequmrhu kuthatho nxaxheba kwimpilo yabo badingayo.

Eliphulo lika Back to School kula mmandla lathi laqalwa liqumrhu USABC Foundation kunye neziko lezosasazo uTruFM ngokubambisana ne Arhante ejongene nezophuhliso yengingqi yase Alfred Nzo, isebe lezemfundo, umasipala wase kuhlaleni iMzimvubu kunye nowesithili I Alfred Nzo.

NINGASISIZWE ESIKHULULEKILEYO NESIPHUNCULISILEYO KWISIFO ESINGUMBULALAZWE I AIDS: OKO KUNGAQALA NGAWWE

Wonke uMmi welizwe loMzantsi Afrika uzele lithemba lokuba esi sizwe ingaba sisizwe esikhululekileyo kwisifo SikaGawulayo, na lapho wonke ubani uyakuzibona enoxanduva lokuzikhusela kweligongqongqo. La ngamazwi okuxhobisa ebephoswa ngamahlakani kunye noluntu ngosuku lokuxhobisa ngesisifo singumbulalazwe na lapho bekubanjelwe isikhumbuzo solusuku eMoaneng eMatatiele.

Olusuku lubhiyozelwa ngenjongo zokubamba amaphulo okulwa nokunwenwa kwesisifo kwanokukhumbula imiphefumlo eyathi yasutywa kukufa ngenxa yesisifo sika gawulayo, kwangaxehsanye ikwajolise ekukhwebebeni nasekumemeleleni uluntu ukuba luzinikezele ekulweni esisifo, kwanokuzibophelela ekuxhaseni aba baphila naso.

Olusuku kulonyaka luthakazelelwe luluntu lwase Moaneng oluphume ngobuninzi balo ukyo kuba yinxalenye.

Ethetha kwesisikhumbuzo usekela sodolophu womasipala wesithili uCllr Sixolile Mehlomakhulu ukhalimele kabukhali ukucalu-calulwa kwabo baphila nesisifo, ngelithi sele kuphilwa kwilizwe lenkululeko.

“Esisikhumbuzo sizovuselela ingqondo zethu ukuba isifo sikagawulayo sisenawo amandla ezimpilweni zethu, kodwa singuRhulumente zizma ngandlela zonke ukulwa nokunwenwa kwaso, sikwa memelela nabantu ukuba babambisane nathi ekulweni naso”, utsho loka Mehlomakhulu.

Bonke abantu ebeyinxalenye yolusuku bebenxibe izipeleti ezibomvu njengophawu lokubonisa ukuzibophelela ekulweni nesisifo kwanokuxhasa abo bathi bosuleleka.

UMhla wokuqala kwinyanga yoMnga wathi wabekelwa bucala ukususela kunyaka ka 1987 njengomhla wokukhumbula esisifo, uRhulumente, amagosa ezempilo,



Ngasentla: abahlali bakaWard 16 baphulaphule ngombla weDistrict World Day



Ngasentla: ngusekela sodolophu womasipala wesithili uCllr Sixolile Mehlomakhulu esothula intetho yakhe kusuku lokuxhobisa nge sifo i Aids eMaaneng eMatatiele

amaqumru angajonganga nzuzo kwaneziqo zabantu abathile bazinikela ekubambeni esisikhumbuzo ngenjongo zokukhusela isizwe, bekwadlulisa nemfundiso ebantwini.

Umhlali oneminyaka engama shumi amathathu nesithathu wesixeko iMoaneng uvakalise ukoneliseka lulwazi abaxhotyiswe ngalo ngelikhuthaza urhulumente ukuba amana kuthi gqolo ukubaxhobisa ngesisifo, bezovuleka amehlo babubone nobungozi bokungasebenzisi iidyasi zabakhwenyana, babenobuhlobo nabalingani abaninzi ze bazibone bosulelelekele. Kusenjalo uRalinku Ralinku oneminyaka elishumi nethoba ubudala, naye udize ukuba bayachulumanca kukubonakala

kukarhulumente kwindawo zabo, ebaxhobisa ngesifo se HIV/AIDS.

“Sihlala emaphandleni apho uninzi lwabantu lungaxhobisekanga ngeziphumo zokusetyenziswa kwedyasi zabakhwenyana, kwanokubaluleka kokuzikhusela kukhulelo olungacwangcwisanga, izifo ezosulela ngokwabelana ngesondo, kwanezindle izifo” utsho uRanlinku.

Usekela sodolophu noceba badlulise inkonzo ezingundoqo empilweni yabantu ezifana nopasile zokutya kwiintsapho, ngongenelelo lwe Arhente ejongene nezibonelelo zika Rhulumente (SASSA).

KUTYHILWA ILITYE LESIKHUBUZO LENKOSI YAMAXESIBE

Isizwe samaXesibe sibuthelene ndawonye kwintsuku ezidlulileyo ukuqhuba inkonzo yotyhilo litye lomnye wongqondongqondo beeNkosi zaMaXesibe.

Eliziko eliqulethe imbali ngobomi buka Nkosi Fikeni, elikumganyana nje ongephi ngaphandle kwedolophu yase Mt Ayliff, alijolisanga kukhumbuleni le Nkosi kuphela eyalandulela eli ngeminyaka yo 1800's kodwa namakhosikazi ache adlale iqhaza ekunyuseni izinga lobukhosi bakwa Fikeni, batyala ukubaluleka kwemfundo nobu Krestu ekuhlaleni.

UNkosi Fikeni ongunyana ka Nkosi Mjoli ekwangu mzukulwana ka Sinama, Inkosana yase Mganu kwisizukulwana sama Xesibe, wazalwa ngonyaka ka 1820 walandulela eli ngonyaka ka 1870. UXesibe yimfusi ezalwa emva kwamawele uMpondo no Mpondomise.

Phakathi kwenzala yakhe kuquka umhlalutyi wezopolitiko ozimeleyo uNjingalwazi Somadoda Fikeni osele echithe iminyaka engamashumi amabini nesihlanu esenza uphando ngembali yesizwe sama Xesibe. Loka Fikeni ukhuthaze amakhosi esizwe sama Xesibe ukuba azeke mzekweni ahloniphe izinyanya zakwa Xesibe, babenolwazi ngembali yabo, babhale nemiqulu equlethe imbali ngabo.

uFikeni namakhosikazi ache amahlanu u Manguse, Magxumisa, Manyangule, MaMaqanda no Marhadebe badlale indima enkulu ekukhwebeni Onyawontle noba babiziweyo kwinkolo yobu Krestu ukuba bakhe inkonzo yama Methodist kumhlaba wama Xesibe. Sithetha nje angaphezulu kwesihlanu amalungu osapho lwakwa Fikeni ahamnisa indaba ezilungileyo kwibandla lama Wesile eli Lomzantsi Afrika.

Elilitye lesikhumbuzo lika Fikeni lathi lakhiwa ngu Somadoda kunye nalowo uphume izindla kubuchwephetsha uAfika Fikeni, kwelincwaba kukho impawu zencwadi yezibhalo ezingcwele eluphawu lwenkolo yobu Krestu, ikhakha, kwanezinye izixhobo ezisetyenziswa ngamakhosi.



Ngasentla: kutyhikwa ilitye eNdzongiseni eMount Ayliff kukhunjulwa inkosi yaMaxesibe namakhosikazi akhe



Ngasentla : ngunjingalwazi Somadoda Fikeni eladelwa ngasemva kwakhe ngu gqirha Brigalia Bam kunye namalungu osapho kutyhilo litye lika Nkosi Fikeni

UFikeni uthi noxa abazali babo bangcwatywa kwiminyaka yesizukulwana esidlulileyo kodwa babenethamsanqa nendyweba yokwazi apho balala khona.

Lonyana wekomkhulu uphinde wakhumbula indima edlalwe ngu mama wakhe uMajali Fikeni, ongcwabe lakhe lingumgama ozimetres ezilikhulu kde kufuphi nengcwaba loo nyana bakhe.

“Ngamanye amaxesha siyalibala ngendima eyadlalwa ngamakhosikazi amakhosi, oninakazi babo kunye neentombi zab. Ngokukodwa kolusuku siyafuna ukukhumbula igalelo labasetyhini kunye namakhosikazi okomkhulu,” utsho uFikeni.

Uqhube wabethelela ukuba inzala yamaXesibe idlale indima ebalulekileyo ekuhlaleni noxa kungekho mbali kuluntu.

“Uyakufumanisa ukuba imbali yethu ayikhange iselweso, xa ndiqhathanisa nembali ka ShakaZulu owayebonakala

njengekrothi enganqotywa bani, kwayintlanganisela yomkhosi wama Bhaca kunye nama Xesibe owawukhokhelwa ngu Nogula ophuma kwisizwe sama Xesibe.”

Ethetha kolutyhilo litye lowo wayesakuba ngusihlalo wekomitshoniezimeleyo yolonyulo uGqirha Brigalia Bam uxinzelele ukuba indima eyadlalwa ngamakhosikazi asebukhosini ibalulekile kuquka inxaxheba yokuba krelekrele kwanenkxaso abayibonisa kubalingani babo noonyana.

Ukwavakalise inkxabalo ngokugxojwa gxojwa kwamasiko nenkolo yama Afrika ekokelelwe lulutsha olulandela ezinye iinkolo zangaphandle luzibutha kwizikolo ezidibanisa iintlanga zonke. “Abanye kubo bayalibala ngemvelaphi yabo, bangakwazi nokuthetha ulwimi lwabo lweenkobe okanye ezinye ilwimi, bacingela ukuba xa bethetha ulwimi lwamaNgesi bakulungele ukufulathela ulwimi lwabo kwanenkolo yabo.

ALFRED NZO IBEKELA PHAMBILI ABANTU BAYO

Umasipala wesithili iAlfred Nzo uzibophelele ekuqiniseni nokuphucula indlela yokuphucula iindlela zokunceda uluntu nabahlawuli zinkonzo.

Oku kudizwe ngusodolophu womasipala ombaxa iAlfred Nzo u Enice Diko, ngosuku lomndyadala wabathengi kulomasipala obubunjalwe kwiziko lengxoxo kulomasipala wesithili eMt Ayliff.

Umasipala wase Alfred Nzo ngomnye womasipala kweli lomzantsi Afrika obonise ukukhathalela abathengi kulomasipala, ngokuvulisa inombolo mnxeba ejongene neemfuno zabo.

Umanejala omkhulu walomasipala uZamile Sikhundla uthi, olusuku lokujongwa kwabathengi kumasipala, zinzame zokufumana izicaka zomasipala ezizolwela ukuhanjiswa kwenkonzo ezisulungelekileyo ebantwini ngokugqibeleleyo kwanokuzibophelela ekutshintsheni isimo sabantu balomasipala ngokuhanjiswa kweenkonzo ezingenamakhwiniba.

Uthi kukwizicwangciso zabo ukuba baxhobise ngolwazi abasebenzi boomasipala ngokuthatha inkxaxheba ekuphuculeni indlela yokuhanjiswa kwenkonzo.

“kuyanyanzeleka ukuba sibonise icala ekulilo nelikhathalayo kubathengi balomasipala ngenjongo zokuphucula indlela yokuhambisa iinkonzo,” utshilo oka Diko kwintetha yakhe ebeyothula ngolusuku.

Oka Diko uqhube wamemelela abasebenzi balomasipala ukuba bazinikezele kulomsebenzi, babonise umonde nokusebenzisana ngendlela nabathengi kulomasipala.

“Yibanentlizo ethi, we belong, we care and we serve, nekuyeminye yoshwankathelo lwemigaqo nkqubo esibhozo ye Batho Pele.” utshilo.

Umasipala wesithili iAlfred Nzo ubhiyozela olusuku lokukhathalelwa kwabathengi, ngeveki ebekelwe bucala



Ngasentla: usodolophu, uCllr E.N. Diko ethetha nabasebenzi ngomhla wokunakekela abasebenzisizinkozo



Ngasentla: umanejala kaMasipala, uMnu. Zamile Sikhundla ekhuthaza abasebenzi ukubeka uluntu phambili



Ngasentla: abasebenzi badibene kwiigumbi lenkonfa ngomhla wabasebenzisi nkonzo.

kwihlabathi ngenjongo zokukhumbuzana ngokubaluleka kwabathengi kwanabo bajongene nokuhambisa iinkonzo kubathengi mihla le.Lombhiyozo

ububanjwe phantsi komxholo othi “I am a customer and expect good services, you are a customer, I give you good service”

IQELA LEBHOLA EKHATYWAYO E-ALFRED NZO LIZAKHELE IQHAZA KUMMANDLA WASE ALFRED NZO



Ngasentla: liqela lebhola ekhatywayo lamagosa kamaipala noceba besenza abadume ngazo kukhuphiswano lwe SALGA ngo 2015

Oomasipala bephondo leMpumakoloni babuthelene kwidolophu encinane yase Alice kumasipala wesithili iAmathole ukuthatha inxaxheba kwimidlalo ebanjwa rhoqo ngonyaka ye SALGA, intlangano kazwelonke ejongene nokuphuhlisa koomasipala basekuhlaleni, le midlalo ifikelela kwityeli lesihlanu isingathwa yilentlangano yebhola.

Iqela lebhola ekhatywayo e-Alfred Nzo kunye ne under 19 kwi volley ball zizona ntshatsheli zonyaka ka 2015 njengoko zingazange zoyiswa kulemidlalo ye SALGA.

Umqeqeshi weqela elidala lala mmandla uMzimasi Mantshule uthi uzibone ephantsi koxinzelelo lokubuya nendeb emva kokuthwaxwa kwabo ebutsheni bonyaka ophelileyo kolukhuphiswano.

“Sidlale ngokubambisana sabonisa ubunye nokuzimisela ntoleyo isibeke kwibakala lobuntshatsheli” kutsho uMantshule.

Kusenjalo umqeqeshi weqela le volleyball kwi under 19 uFundiswa Nqamza uqhwebele izandla iqela lakhe ngokudlala ngokuzimisela kwantlandlolo, sazifumanisa sizintshatsheli. “iqela lidlale kakuhle kakhulu nangokuzinikela,” utshilo uNqamza.



Iqela lebhola yomnyazi lase Alfred Nzo libuye neembasa

Nomqeqeshi weqela lebhola yomnyazi kwi under 19 uNomonde Gcwabe uthi noxa iqela lakhe lingakwazanga ukuphumelela libekumanqwanqwa amaqela amathathu azintshatsheli, kodwa bayiqhwabela izandla inxaxheba kwanendima edlalwe ngumasipala wesithili iAlfred Nzo, ukuqinisekisa ukuba ulutsha luthatha inxaxheba kulemidlalo.

Kubalulekile kulutsha ukuba luthathele ingqalelo lemidlalo, ukuphuhlisa izakhono zabo babengompondo zihlanjiwe babadlali kumaqela akwizinga eliphezulu.

Amanye amaqela aphakathi kwentshatsheli liqela elinamava levolley ball lamabhinqa, kunye nele darts.

Umasipala wase Alfred Nzo ubukhokelwa yintloko yekomiti yemidlalo, ulonwabo inkcubeko nobugcisa kwanamathala aqulethe ulwazi ucllr Zuko Lwana, ephlekwa ngoceba bomasipala basekuhlaleni, iMzimvubu, Ntabankulu, Matatiele kunye neMbizana Mbizana.

UMASIPALA WESITHILI IALFRED NZO UZIBANDAKANYE KWIPHULO LOKUXHOBISA NGAMACHIZA ANOBUNGOZI



NGASENTLA: iingcaphephe kwezempilo zityelela oosomashishini base Mbizana

Emva kwesanxwe sokunyuka kwenani labantu abasebenzisa ipilisi zetanki nekuzingxelo eziphume kwisebe lezempilo kwiphondo le Mpumakoloni, ngokomlomo wesibhedlela iSt Patricks eMbizana, kunyanzeleke ukuba umasipala wesithili usabele ikhwelo lesisibhedlela ukukhawulelana nesisimbonono esebezisana nomahlakani kamasipala ngenjongo zokuxhobisa uluntu ngobungozi bokusetyenzoswa kwalamachiza.

Uninzi lweziganeko ezikhokelela ekutshabeni kuninzi lwabantu kula mmandla ngokupapashwa sisibhedlela iSt Patricks, zibangelwa kukuselwa kwezipilisi zetanki. Lomasipala wesithili ebambisene nesebe lezempilo baphume iphulo lokutyelela osomashishini, kuquka abasakhasayo nobhazabhaza bemalike, abaqhuba ushishino ezixekweni zaladolophu, kunye nabathengisi zitalatweni bexhobisa abasomashishini ngobungozi bokuthengiswa kwamachiza anobungozi ezimpilweni zabantu, bekwamemelela ukuba bawulandele umthetho weli ojongene noku obizwa nge Hazardous Substances Act.

Oku kwenziwe emva kwamarhe athe ndii okuthengiswa kwezimveliso zinobungozi ngokusemthethweni, nangondlela



Ngasentla: yingcaphephe yezempilo ixhobisa abathengisi ngendlela yokubekwa kokutya abakuthengisayo

mnyama. Amashishini afunyaniswe eqhubeka nolushishini ngokungekho semthethweni athathelwe amanyathelo aqatha emva koluphando.

Elinye iphulo lokuxhobisa uluntu libanjelwe kwindawo yaku Nomlacu eyonganyelwe zeziziganeko zishiya amehlo kwakuledolophu yase Mbizana, kulandela ingxelo ezithi ziziganeko ezibalelwa eshumini sele zibikiwe kulandawo zokusetyenziswa kwepilisi yetanki ngabantu.

UThenjiwe Njisane oneminyaka engamashumi amabini nesibhozo

ubudala nongomnye wosomashishini base zitalatweni uvakalise ukulixhasa nokulithakazelela eliphulo, ngelithi naye limvule amehlo njengoko ubengenalwazi lwaneyo ngamachiza abashishini ngawo, uthi ngaphambile ubengenalwazi ngobungozi bokudibanisa amachiza afana ne glycerin, Madubula namanye anobungozi ndawonye neziqhamo.

Inkonzo zonyango zalomasipala ziyakujikeleza zonke ingingqi, kuxhotyiswa ngobungozi balamachiza ezimpilweni zabantu kwakunye nezifo ezoyanyaniswa nawo

U OR TAMBO UBHEYINKOKHELI YOKWENENE NENDODA YOKWENENE



Above: O. R. and Adelaide Tambo's tombstone

Ziinkokhele ezohlukeneyo zopolitiko nezihlonipheki kuquka phakathi kwazo umongameli welizwe uJacob Zuma kunye nonkosikazi weqhawe elingasekhyo uNelson Mandela, uGraca Machel, ebezibuthelene kwindawo yase Wattville eBenoni, ngenjongo zokubhiyozela ubomi beenkokheli zeqela le ANC ezabonisa ukuzinikezela uOliver no Adelaide Tambo.

Unyana weqhawe uDali ubephakathi kwamalungu osapho lakwa Tambo obeluyinxalenye yalombhiyozo.

uDali Tambo kunye nosapho lwakhe bekunye nomongameli uJacob Zuma bahlali kufuphi nelitye lengcwaba lika Tambo ebelinemibhalo ebingapheli emlonyeni wakhe esaphila ecatsulwe ngolwimi lwamangesi efana nale ithi "It is our responsibility to break the barriers of division and create a country where there will be neither whites nor blacks, just South Africans free and united diversity" le ntetho ithetha ukuthi "luxanduva lwethu ukulwa nemiqobobo edala iyantlukwano, sakhe isizwe esingajongi bala naluhlanga, kodwa sibambane sibengabemi belizwe lomzantsi Afrika abakhululekileyo nabanye noxa bentlanga zohlukeneyo.

Lentetha ecatsulwe ku Oliver Tambo idale intlonipho kwanokuvuselela amanxeba kwingcwaba lakhe elise Wattville, kulomndyadala weminyaka engamashumi aluthoba nesibhozo kwazalwa lekokheli eyathatha ixesha elide ilawula njengomongameli weqela le ANC. Iinkokheli zakwalizwi neendwendwe ebezisembekweni babuthelene elityeni lika Tambo bebonisa intlonipho

Ibuluchulumanco lodwa iinkokheli zisabelana ngembali ka Tambo kwanenkumbulo, bemana kucaphula kwimiyalezo yakhe eyakhayo. Iindwendwe namakhulu-khulu abantu ebebebukeye qelele ezitalatweni nabo beve intshisakalo bazibandakanya ngalombhiyozo becula bebonisa abadume ngazo.

Ngexesha umongameli welizwe ethatha iqonga kutshintshe imbonakalo yobuso, ebonise uthando ngakumhlobo wakhe njengoko kuwe izincomo, ekhumbuza abantu ngempumelelo ye ANC ngexesha izabalazela ukonyula isizwe kuxinzelelo, ekwacaphula izakhono zobunkokheli ezaboniswa ngu Tambo. "Ubeyinokheli yokwenene, indoda yokwenene. Utshilo. "Ubeyinto yonke kuthi zingumbutho we ANC.

Ngaphandle kokubalula ukutshatshela kuka Tambo, nezakhono zobunkokheli kwakunye nobuntu bendalo, uZuma uchaphazele impumelelo nemizamo ka Tambo kwinzame zokulwa nengcinezelo elizweni. Kwababeyinxalenye yombhiyozo udize ukuba ubekhenketha ihlabathi ememelela ezinye izizwe ukuba zixhase ilizwe loMzantsi Afrika. Uphumelele kuyo yonke imizamo yakhe, wabalasela ngokukulula isizwe ngokubanzi. "Wakhe ubunye elizweni ngaphandle kwengcinezelo, "utshilo uMongameli Zuma.

Isikolo samabanga aphezulu iMzamba Comprehensive High School kunye nesikolo iDidi Primary school zendawo yase Mbizana apho uTambo azalwa khona zihloniphe olusuku ngenkqubo ezabonakala eKurhuleni. Phakathi kwenkqubo abazibonise uluntu yingxoxo mpikiswano, nezikolo ebeziyinxalenye zabonisa indlela ezihlonipha ngayo uTambo. Batyelele kwindawo ezininzi ukufunxa ulwazi lwezemfudo kuquka nendlu ka Mandela eGold Reef City eFreedom Park, iziko elinembali eVoortrekker apho bafundiswe ngembali yelizwe.

AMANINA ASE ALFRED NZO ABUTHELENE UKUBETHELELA IINTSUKU EZIBIZWA NGE 16 DAYS OF ACTIVISM EZIJONGENE NEMPATHO GADALALA NGAKWABASETYHINI



NGASENTLA : NGUSEKELA SIHLALO WOPHIKO LWAMANINA
EPHONDWENI UBULELWA MABHENGU EXHOBISA AMANINA

Ngamakhulu-khulu amanina ebephuma mbombo zone zomasipala wase Alfred Nzo ukuqala ukuzibophelela kwiphulo lokulwa nempatho gadalala ngakubantu basetyhini nabantwana, bexhobisana.

Le Indaba ebijolise kunxibelelwano lwamanina ibijolise ekuqinisekiseni ukuba amabhinqa ayaxhotyiswa ngendlela yokukhulisa uqoqosho, ngenjongo zokusiphula nengcambu intoesiyibonakala isisthetha yokuxhomekeka kwabasetyhini kubalingani babo, uninzi lwabo lubonakale lusabelana ngengecebiso zokuqala amashishini, amathuba abanawo.



NGASENTLA: ngunkosikazi c.V ndamane we forum yamabhinqa esele emadala kwisithili sase Alfred nzo ekhuthaza abasetyhini ukuba bazibandakanye nenkqubo zikarhulumente zophuhliso

“Kwelixesha lonyaka elijongene namaphulo okulwa nempatheko gadalala ngakwabasetyhini nabantwana, onke amaqumrhu ajongene namanina sifuna aqinisekise ukuba eliphulo liyafikelela ngokweqileyo kwindawo ezisemaphandleni kulomasipala wesithili ingakumbi kwingingqi ezonganyelwe ziziganeko zokdlwengulo, ukuphathwa gadalal emiphfumleni nasenyameni,” utshilo usodolophu womasipala wesithili iAlfred Nzo u cllr. Enice Diko ngexesha lenteta yolwamkelo.

Loka Diko uqhuba athi , “njengexalenye yeliphulo sifuna ukuqinisekisa ukuba lamaphulo ayatyalwa nakwabo banocelomngeni ngokwasemzimbeni,

sikwaqinisa ikhwelo lika Rhulumente lokuhlonitshwa kwamalungelo abasetyhini, abantwana nabo baphila nokhubazeko.”

Oyintloko kwicandelo elijongene neenkqubo zabucala Cllr. Beauty Maningi udize ukuba yayisakuba luxanduva lomntu obhinqileyo ukuvuselela ukuzazi kwamanye amanina kwanokubakhumbuza ngezakhono abanazo, abo banabantwana babaxhobise ngendlela yokuphila.

“ulwazi ngamandla, olulwazi luncinane unalo lunokwenza umahluko omkhulu kwimpilo yomnye umntu,” utshilo loka

Maningi.

Ukwakhuthaze amanina ukuba abambe ingqungquthela zonxibelelwano nakwindawo zabo ngenjongo zokugqithisa ulwazi. Uqhuba wamemelela ubunye kumanina, xa kwanele bakwazi ukuvula imilomo bathi kwanele, ngokuphathwa gadalala kwabasetyhini nabantwana.

Ethetha egameni lequmrhu elijongene namanina uNomakhaya Ngabase, ukhuthaze amanina ukuba adlale indima ebonakalayo nenegalelo, ngenjongo zokukhokela nokuxhobisa kwanokwakha ikamva lesizukulwana esizayo.

UMNGCELELE OBUJOLISE EKULWENI NEMPATHEKO GADALALA KWABASETYHINI NABANTWANA WAKHE INTSEBENZISWANO



Ngasentla ngamanina asebizana ebambe umngcelele, okhalmela impatho gadalala ngakumanina nabantwana

Nangona umongameli welizwe ebeqhuba inkqubo yokuphehlelela iphulo lokulwa nempatho gadalala ngakwabasetyhini kunye nabantwana elibanjwa kwilizwe jikelele, eMahikeng eMntla Ntshona, ememelela intsebenziswano ukulwa noku, usomlomo webhunga lomasipala wase kuhlaleni iMbizana, uCllr. Daniswa Mafumbatha ubekhokhele umngcelele obuvula ngokusesikweni ezintsuku zilishumi nesithandathu eAlfred Nzo.

“Sibambe lomngcelelel osingise kumasipala wase Mbizana namhlanje ngenjongo zokugqithisa uxwebhulwezikhazazo kusodolophu womasipala.

Sifuna usodolophu uthetha thethane nomphathiswa kazwelonke wesebe lezobulungiswa nophuhliso lomgaqo siseko egameni lethu singamanina, ngokunxulumane namatyala okuphathwa gadalala kwabasetyhini nabantwana arhoxiswayo singaboni nkqubela phambile kulamatyala. Sikwafuna nokukhuthaza abasetyhini ukuba beme balwe

nalompatheko gadalala, sikwakhalmela namanina akhusela abenzi bobubi,” utshilo uMafumbatha.

Lomngcelele uququzelelwe ngumasipala waseMbizana ngokubambisana nomasipala wesithili iAlfred Nzo, isebe lentlalo yoluntu, isebe lempilo, amaqumru ajongene noluntu ekuhlaleni, ibhunga lezenkolo yoKrestu kweli loMzantsi Afrika namanye amasebe aseburhulumenteni.

Isebe lentlalo yoluntu lilona lihamba phambile kubambiswano kolusuku lokuphehlelela eliphulo, elisebe likwasebenzise lomhla ukuvula iziko elijongene nonyango olungundoqo kwisibhedlela iSt Patricks. “abanye babantu abaqweqwedisana amanina babaphantsi kwempembelelo zeziyobisi ezinegalelo elimandla,” utsho umanenjala wesebe lentlalo yoluntu eMbizana uSiyabonga Mjoli. Loka Mjoli ubesethula lentetho emva kophehlelelo kulamakhuluhulu abantu.

Elisebe likwenza oku ngokugunyaziswa

ngumthetho ojongene nokuphathwa gadalala kwabantu iSubstance Abuse Act (Act of 2008). Eliziko elijongene nonyango lisebenza ukususela kusuku lwangomvulo ukuya kusuku lwangolwesihlanu, ngentsmbi yesibhozo kusasa ukuya kwicala emva kwentsimbi yesine. Eliziko lijongwe ngonontalontle, linikezela ngeenkono zafele fele ebantwini, likwajongene nenkqubo zokuxilongwa kwezigulani kunye nokulolongwa kwabo banoxinano engqondweni nasemphefumleni.

Usomlomo webhunga uCllr. Daniswa Mafumbatha uqinisekile ukuba usodolophu womasipala uMakhaya Twabu ukuba uliqhwabele izandla ebonisa ukuyilangazelela lentsebenziswa ephakathi kukamasipala nesebe lentlalo yoluntu, elizoqinisekisa ukuba inkono zihanjiswa ngokwaneleyo kwelaziko. Usodolophu uphinde wazibophelela ukuba uzobamba iingxoxo nomphathiswa welisebe ngenjongo zokwakha qilima ubuhlobo nesebe lijongane ngokupheleleyo neliziko.

IMIFANEKISO



Ngasentla : iqela iBig Nuz lisonwabisa amaxhila omculo kwiMatatiele Music Festival



Ngasentla: iqela le bhola laseANDM liphethe indebe kwiMidlalo yeSALGA ebanjelwe eAlice



Ngasentla: indawo yokucocela amanzi kwindawo yaseFubane eMatatiele isalungiswa.



Ngasentla utyilo litye lwesikhumbuzo kwilali yaseNdzongiseni kwidolophu yaseMount Ayliff



Ngasentla: iprojekthi yamanzi iBomvini/Nyokweni iyaghuba



Ngasentla: igqiza leMPAC likhokhelwe nguCllr. Munyu liqwalasela umgama osele ubanjwe kwiProjekthi yamanzi iNtibane/Mkhemane eqhubayo.

IMIFANEKISO



Ngasentla: abathandi bomculo abazekuzimasa iMatatiele Music festival



Ngasentla: uRingo Madlingozi wodumo esonwanisa abalandeli bomculo kwiMatatiele Music festival



Ngasentla: indawo yokucocela amanzi kuNtabankulu iyaqhuba



Ngasentla: iprojekthi iBomvini / Nyokweni kulendeleke ukuthi izise amanzi acocekile kubahlali baseNtabankulu



Ngasentla: abezempilo kumasipala baxwayisa uluntu kwiRenki yaseMbizana



Ngasentla: usekela sodolophu unikezela ngokutya komnye wabahlali kwilali iMoyaneng ngosuku lamazwe likagawulayo



Layout and Design by:



info@pilisogrphics.co.za

VISION

A SELF-SUSTAINABLE MUNICIPALITY THAT GUARANTEES EFFECTIVE AND EFFICIENT RURAL DEVELOPMENT.

MISSION

CREATING A CONDUSIVE ENVIRONMENT BY IMPROVING HUMAN CAPABILITIES AND ENHANCING RELEVANT SKILLS, AND MAXIMIZING THE UTILISATION OF NATURAL RESOURCES IN ORDER TO IMPROVE QUALITY OF LIFE FOR ITS COMMUNITIES.

MOTTO

PLACE OF UNITY IN DIVERSITY

**INOMBOLO YONXIBELELWANO
KAWONKE-WONKE:
086 000 3781**

Printed by:



083 347 5007

Igqiza labavelisi nababhali

Ndabuko Masumpa, Lubabalo Majenge,
Ayanda Giyose, Zukiswa Pinyana, Mfuneko
Mkhathi, Yamkela Mhlaluka, Ndyebo Kopo
and Yandisa Dlembula

Alfred Nzo District Municipality
Communicators
“LIKE US ON FACEBOOK”
Alfred Nzo District Municipality Communicators
Follow us on Twitter on @AlfrednzoDM

ALFRED NZO DISTRICT MUNICIPALITY
ERF 1400 NTSIZWA STREET, MOUNT AYLIFF
PRIVATE BAG X 511, MOUNT AYLIFF, 4735
TEL : (039) 254 5000, FAX : (039) 254 0343
WEBSITE : www.andm.gov.za